

# UXWEBHU LWENGQIQO IVEKI NENYANGA YAMANZI KU2022



UN WATER  
22 MARCH  
WORLD  
WATER  
DAY

AMANZI ANGAPHANTSI KOMHLABA – SENZA OKO  
KUNGABONWAYO KUBESEMEHLWEN'ABANTU

UMZANTSI AFRIKA LILIZWE  
ELIMANZI ANQONGOPHELEYO

WATER IS LIFE - SANITATION IS DIGNITY



**water & sanitation**

Department:  
Water and Sanitation  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA





# 1 IMVELAPHI

USuku lwaManzi lweSizwe (i-World Water Day (WWD) ngelasemzini) lusuku oluqatshelwa rhoqo ngonyaka ngomhla wama-22 kweyoKwindla. Olu lusuku olungqala ngqo ekuboniseni ukubaluleka kwamanzi ahlaziyekileyo, lukhuthaza kananjalo ukuphathwa ngenkathalo kwezixhobo zamanzi ahlaziyekileyo.

Eli phulo likhokelwa ngamazwe omdibaniso (i-United Nations (UN) ngelasemzini), nathi wona aqinisekise ukuba olu suku lusetyenziswa ikakhulu njengesaphetha sokuhlaba ikhwelo kooRhulumente behlabathi lonke jikelele. I-UN ixhibe ukuqinisekisa ukuba wonke ubani kwihlabathi lonke jikelele uyawafumana amanzi acocekileyo ngo2030, loo nto isenzeka kungakhange kudalwe bungozi kwindalo yethu nokusingqongileyo.

Minyaka le, i-United Nations Water iqamba umxholo ngolu suku, mxholo lowo omongo wawo ikukuhlangabezana nemicelimgeni kwezamanzi – eyangoku neyexesha elizayo. Umxholo walo nyaka ka2022 uthi, **“Groundwater – making the invisible, visible”** (nontsingiselo yawo ngesiXhosa ithi **“Amanzi angaphantsi komhlaba – senza oko kungabonakaliyo kubesemehlwen’abantu”**). Lo mxholo uzamana nokukhumbuzisa abaqulunqi bemigaqonkqubo nabathabathi-zigqibo – kwisebe lezamanzi liphela ukanti nakwamanye amasebe – okokuba uMzantsi Afrika lo lilizwe elimanzi anqongopheleyo.

Amanzi angaphezu komhlaba wona, njengoovimba abaziwayo bamanzi amaninzi, aya encipha ngokuncipha de angabikho kwaphela kwezinye izixhobo zendalo zamanzi nakweminye imimandla yoboniselo. Amaxabiso aphezulu okwakhiwa kwezo zixhobo zamanzi zifana namadama angumcelimgeni othintela inkqubela, de kugqithise xa sithetha ngalawo okugcina izixhobo zamanzi zikwimeko entle.

Ukufudukela ezidolophini kwabantu abaninzi nako kunefuthe elikhulu ekudaleni imfuno ephezulu yeenkonzo zamanzi nogutyulo. Yi-65% izinga labantu abafudukela ezidolophini eMzantsi Afrika, futhi ke ngokweSicwangciso soPhuhliso seSizwe (i-National Development Plan (NDP) ngelasemzini) inani labemi basezidolophini liseza konyuka nge- 10% rhoqo emva kweminyaka engamashumi amabini. Le mfuduko ingaka iya ezidolophini iza kubangela uxinzelelo olukhulu phezu kwamagxa ezixeko ezikhulu ngenxa yemfuno ekhula ngokukhula yeenkonzo zamanzi nogutyulo.

Imozulu eguquguqukayo nayo ithe gqolo itshabalalisa ngefuthe layo elibi kobu butyebi bendalo – amanzi. Ngenxa yemeko yemozulu eguquguqukayo singathi amanzi angaphantsi komhlaba aza kuya ngokubaluleka kakhulu empilweni, kuba wona akachatshazelwa nakancinane ziimeko zokunyuka komphunga ngenxa yamaqondo obushushu aphezulu ngeli thuba.

- Kuza kudingeka ukuba umcimbi wolwakhiwo olongezelelekileyo loovimba bogcino lwamanzi emvula (ii-akwifa) ube ngathi uyaqwalaselwa kuba ezi zixhobo zibaluleke kakhulu kulawulo lweenkonzo zamanzi nje gabalala.

Xa sijonga olu qikelelo lwamanani abemi aza konyuka, siphinde sijonge nefuthe lale mozulu iguquguqukayo kumanzi angaphezu komhlaba, ikho yona imfuneko yokuba sikhe sijonge nezinye iindlela zokufumana amanzi, kuba indlela esagunyayo okwangoku yile yamanzi angaphezu komhlaba. Amanzi angaphantsi komhlaba akadingi maxabiso aphezulu ukuwaphuhlisa futhi kulula nokuwafumanisela. Le ndlela yokufumana amanzi ifikeleleka lula kumakhaya onke futhi singatsho sithi ubuninzi bamanzi angaphantsi komhlaba eMzantsi Afrika anekwaliti futhi ayaseleka kuba acocekile.

ISicwangciso esiKhulu seeprojekhthi zaManzi noGutyulo eMzantsi Afrika siqikelela ukuba ngabooma-2040 isizwe siza kube singaxhomekekanga kumanzi angaphezu komhlaba kuphela. Esi Sicwangciso sinika ithemba lokuba kuza kube kukho nezinye iindlela zokufumana amanzi, apho amanzi angaphantsi komhlaba iza kube ingawo agunyayo. Kuza kube kukho neendlela zosetyenziso kwakhona lwamanzi asele esebenzile, ngokuthi amanzi amdaka asuka kwimizi-mveliso nezinye iindawo acocwe kwimizi yococo lwamanzi amdaka khonukuze abuye asetyenziswe. Kuza kuphicothwa neendlela zokubuyiselwa kwamanzi asele esebenzile kwimizelo apho ebesuka khona. Amanzi olwandle nawo aza kucocwa ngokuthi akhutshwe iityuwa khonukuze akwazi ukusetyenziswa kwezinye izinto, oko kuquka nasemakhayeni. Amanzi asetyenziswa emigodini nawo aza kucocwa ngokuthi akhutshwe iityhefu ngendlela yobugcisa.





## 2 INGQIQO

UMzantsi Afrika uza kube ubhiyozela IVeki yaManzi eSizwe (i-National Water Week (NWW) ngelasemzini) ukusukela kumhla wama-21 ukuya kuma-27 kweyoKwindla ku2022.

Ngale Veki, imibhiyozo eyakwenziwa nexhibe ukufundisa nokunika iingcebiso ngokubaluleka kwamanzi iza kube ingqiyame ngemicelimngeni yamanzi echaziweyo kwesiya Sicwangciso siKhulu sezaManzi noGutyulo: njengamanzi anqongopheleyo, ugcino nokukhathalelwa kwezixhobo zamanzi khonukuze zihlale zikwimeko entle, utyalo olulambathayo lweemali zokwenza iiprojekhthi zamanzi, amaxesha embalela athande ukuxhaphaka ngenxa yemozulu eguquguqukayo, ukufumana iinkonzo zamanzi nogutyulo ngeendlela ezingalinganiyo, nekwaliti yamanzi eguquguqukayo.

ISicwangciso esiKhulu sicacisa gca ukuba ukuze uMzantsi Afrika uqinisekise ubukho bamanzi ngendlela eya kuzinza kuza kudinga ukuba izinto ziguquke kwisimo esikuzo, ngokuthi kwenziwe oku:

- Wonke ubani azi ngemingcipheko yonqongophalo lwamanzi;
- Kuqwalaselwe ixabiso lamanzi empilweni;
- Kujongwane nemicimbi yolwabiwo lwalo nketshe-nketshana yamanzi ikhoyo ngendlela elinganayo;
- Kuqwalaselwe imicimbi yolawulo lwemfuno yamanzi nezinye iindlela; zokufumana amanzi;
- Kungqalwe ifuthe lemozulu eguquguqukayo
- Kusonjululwe nomcimbi wezinga elehlayo lekwaliti yamanzi akrwada.

Usetyenziso lwamanzi angaphantsi nangaphezulu komhlaba (ukanti nalawo emvula) ngendlela ebumbeneyo ngumcimbi osele ubaluleke kakhulu kule mihla.

Ngoko ke eli phulo liza kushukuxa ulwazi ngezihloko ezininzi eziquka ezi:

- Ukhusele lwezixhobo zamanzi
- Ucwangciso nophuhliso lwezixhobo zamanzi
- Usetyenziso lwamanzi ngendlela ezinzileyo
- Iiprojekhthi ezinkulu zamanzi
- Imiqathango namasolotya omthetho
- Izakhono nezifundo ezidingekayo kwisebe lamanzi liphela

iVeki yaManzi neNyanga yaManzi ziza kunika inkxaso engummangaliso kwimizamo eyenziwayo negxila koondoqo nemiba engxamisekileyo khonukuze bonke abemi banikwe amalungelo abo axeliweyo phaya kumgaqosiseko ngokubhekiselele kwimicimbi yamanzi nokusingqongileyo. Kwakhona, umxholo weVeki yaManzi neNyanga yaManzi uza kubethelela iinzame zokuhlangabezana *noNjongo-6 wezaaNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo, nondoqo wakhe ikukuqinisekisa ukuba iinkonzo zamanzi nogutyulo zifunyanwa ngumntu wonke.*

### 3 IMITHETHO ELAWULA ISEBE LEZAMANZI LIPHELA

#### **UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika**

ISiqendu sama-27 (1) (b) soMgaqo-siseko woMzantsi Afrika siwubeka elubala umba wokuba wonke ubani unelungelo lokufumana iinkonzo zamanzi nokutya okwaneleyo.

#### **UMthetho waManzi weSizwe (i-National Water Act (NWA) ngelasemzini) ka1998 noMthetho weeNkonzo zaManzi ka1997**

Yomibini le mithetho iyaxhasana, ngaxeshanye inika isakhelo solawulo oluzinzileyo lobutyebi bendalo – amanzi. Iyawuchaphazela nomcimbi wokonyusa izinga lokuhambisa iinkonzo. Ke yena u-NWA yena uyilwe kungqiyanywe ngommiselo othi onke amanzi ayinxalenye yomjikelo obumbeneyo wamanzi nomabakala awo axhasanayo, ze ngaloo ndlela lo mjikelo udinge ukulawulwa phantsi kwemiqathango engqingqwa. Lo mthetho uyibhentsisa elubala indima ebalulekileyo yokhuselo, yosetyenziso, yophuhliso, yolondolozo, yolawulo nempatho entle yobu butyebi bendalo obungamanzi kweloMzantsi Afrika.

#### **IQhinga lezaManzi leSizwe 3 (i-National Water Resource Strategy (NWRS) ngelasemzini)**

IQhinga lezaManzi leSizwe 3, nelidingekayo ngokwemiqathango yoMthetho weSizwe waManzi, liphantsi kohlaziyo njengangoku, apho isiqendu sesithathu seli qhinga simele ze sibe sesigqityiwe ukuze sikhutshwe kwizaziso zikaRhulumente ngo 2022. Isiqendu sesithathu seli qhinga siza kuqulatha iimilo eziphambili zohanjiso lweenkonzo zamanzi nogutyulo khonukuze lixhase imbono yesaa Sicwangciso siKhulu sezaManzi noGutyulo. Esi Sicwangciso silisolotyela eliphumeza iinjongo eziphambili zesiqendu sesithathu seNWRS.

#### **ISicwangciso siKhulu sezaManzi noGutyulo**

Sona sibeka elubala imiba engxamisekileyo emayiqwalaselwe lisebe lezamanzi liphela ukusukela ngo2018 ukuya ku2030. Siphinda sicwangcise iziphumo ezilindelekileyo ngonyaka eziquka iindima namaxanduva, amaxesha neendleko eziqikelelwayo. Esi Sicwangciso sikwabonisa ukuba imisebenzi iza kuhlolwa njani. Njengaso nasiphi na ke iSicwangciso esingeloqhinga futhi singengomgaqonkqubo, le miba ingxamisekileyo nala maxanduva akhankanywe kuso aneencukuhaca eziya kwenza kube lula ukuba iKhabhinethi nePalamente ihlole inkqubela eyenziwayo, ze njalo loo maqela anendima ayidlalayo akwazi ukuphendula.

#### **ISicwangciso soPhuhliso seSizwe**

Esi sicwangciso saphehlelelwa ngo2012 futhi sinika umkhombandlela oneencukuhaca ezibonisa ukuba bungapheliswa njani ubuhlwempu, ze kuncitshiswe njani ukungalingani ebantwini ukuya kunyaka ka2030. Lo mkhombandlela wesizwe ucacisa gca ukuba bonke abemi boMzantsi Afrika bayakube bezifumana ngokwaneleyo iinkonzo zamanzi athembakalayo nogutyulo olunika isidima ngo2030.

#### **IQHINGA LAMANZI ANGAPHANTSI KOMHLABA LESIZWE**

ISahluko 2 sikaNWA sithi aMaqhinga makaphuhlise khonukuze imicimbi yezamanzi ilawulwe ngokugqibeleleyo. IQhinga laManzi angaPhantsi komhlaba lixhibe oku kulandelayo: ukuphucula indlela elibonwa ngayo ixabiso lamanzi angaphantsi komhlaba, usetyenziso nokhuselo lwamanzi angaphantsi komhlaba. Eli Qhinga lahlulahlulwe lazizahluko eziqulathe ulwazi ngemicelimngeni emininzi ephathelele kumanzi angaphantsi komhlaba nendlela zokuthibaza le micelimngeni.







## 4 IINJONGO

Iveki yaManzi neNyanga yaManzi ziza kwazisa abemi ngolondolozo lwamanzi, ngozinzo lweenkonzo, ngoguququko lwemozulu, neminye ke imibandela. Konke oku kuza kwenzeka ngobambiswano nentsebenziswano phakathi kwamasebe kaRhulumente, amashishini abucala, izifundiswa, abahlali namaqela abandakanyekayo esebe liphela.

Nazi iziphumo ezilindelekileyo ngale Veki yaManzi yeSizwe:

- Ulwazi malunga notyenenezo lwendlela yolawulo olugqibeleleyo lwemicimbi yezamanzi nogutyulo;
- Ulwazi olugqibeleleyo ngosetyenziso, ulawulo, ulondolozo, uphuhliso nokhuselo lwamanzi;
- Ulwazi malunga neendlela zolawulo lwamanzi angaphantsi komhlaba;
- Ingxoxo yesebe liphela malunga neendlela amaqela abandakanyekayo anokusebenzisana ngayo khonukuze kucwangciswe izisombululo neziphumo eziya kuzinza.

## 5 IMIYALEZO EPHAMBILI

ISicwanciso esikhulu siyawuchaphazela umba wokuba uMzantsi Afrika ujongene nemicelimgeni yeemfuno zamanzi apho izisombululo zidingeka kunene khonukuze iziphathamandla zikwazi ukuhlangabezana nenani elikhulayo labantu abafudukela ezidolophini, ziyondelelanise iindlela zokuphila eziguququkayo futhi ziqinisekise nokhulo lwezoqoqosho.

Kungesi sizathu ke siphuhlise le miyalezo iphambili ilandelayo nje, silungiselela le Veki yaManzi yeSizwe ka2022:

- *UMzantsi Afrika lilizwe elimanzi anqongopheleyo;*
- *Masikhusele, silondoloze futhi sisebenzise amanzi ngendlela ezinzileyo.*
- *Amanzi Angaphantsi Komhlaba – Senza Oko*





## 6 ICEBO MALUNGA NEZINTO EZIYA KWENZIWA

Imisebenzi eya kwenziwa ngale Veki yaManzi yeSizwe iza kuqhubeka kwisizwe sonke jikelele. Ikhulenda ebumbeneyo yemisitho eya kuqhubeka iza kubekwa kwisikhundla sewebhu yeSebe lezaManzi noGutyulo.

Le misebenzi iza kwenzeka kumajelo ngamajelo awahlukeneyo, oko kukuthi: ngokuqokelelana ubuqu emaholweni, kumaqonga omoya (oko kuquka nemidiya yokuncokola) nakumajelo osasazo. Ngolo hlobo ke ababukeli baza kukhuthazwa ukuba bathabathe inxaxheba kwiingxoxo ezininzi nezihloko ezinika umdla.

Abahlali, iincutshe, iingcali, iidiplomathi, abathabathi-zigqibo nabaqambi zimveliso zoshishino baza kukhuthazwa ukuba bafuthelane ngezimvo, bobelane ngezicwangciso namaqhinga aya kwenza inzuzo kwisebe liphela.

Amaphulo okucocwa kwemilambo aza kuququzelelwa nawo kuyo yonke laa nyanga yoKwindla ka2022. Lo msebenzi wona uza kuququzelelwa ngentabatho-nxaxheba yemibutho yabasebenzisi bamanzi, amaqonga ezamanzi nogutyulo, imibutho yasekuhlaleni, njalo-njalo.


## 7 ICEBO MALUNGA NOKUBHENGEZA KWIMIDIYA

Uqhagamshelwano luya kwenzeka kumaqonga ngamaqonga emidiya, oko kuquka namaqonga omoya, amaphephandaba, amajelo osasazo nemidiya yokuncokola. Ukongeza kwiintengiso nentabatho-nxaxheba yemidiya, kuza kubakho neencoko zokwaziswa kwemidiya kuqhutywe nodliwanondlebe ukuqinisekisa ukuba wonke ubani uyalufumana ulwazi.

Amaphondo wona aza kuqhuba iincoko zokwaziswa kwemidiya ngemicimbi yazo ethe ngqo, kubekho neenkqubo zokujikeleziswa kwabantu bemidiya apho beya kuboniswa izicwangciso, amanqaku ngezinto ezenziwe ngempumelelo, isimo ngezakhiwo nezixhobo zamanzi, izinga lamanzi emadameni nendlela abantu abawasebenzisa ngayo amanzi.

Isibe lezaManzi liza kusebenza nabalingane abakuRhulumente wekhaya, kumashishini abucala nakwiindawo zokuhlala apho kuyakunyuswa izinga leengxoxo kungqalwe nemixholo ephambili.







## 8 UNDELELA PHAMBILI

ISicwangciso eSikhulu siyatsho ukuba ukuqinisekisa ubukho bamanzi ngendlela eya kuzinza kudinga uhoyo lwaba ndoqo balandelayo: iqhinga loyondelelaniswo phakathi kohanjiso lweenkonzo nemfuno yeenkonzo, ukujongana nolwabiwo ngokutsha lwamanzi ukuze abantu bawafumane ngokulinganayo futhi bawasebenzise ngendlela enye, ulawulo olungqingqwa lwemicimbi yezamanzi nogutyulo, ulawulo lwesebe liphela kugxininiswa kusetyenziso olunefuthe, uphuculo lwekwaliti yamanzi akrwada nokhuselo lwenkqubo yendalo. Kwakhona ubukho bamanzi ngokwaneleyo bufuna: ubungqina obuya kusetyenziswa ekuqingqeni imigaqonkqubo kuphembelele neengxoxo, ulawulo olugqibeleleyo, ukhulo kwezophando nobugcisa, ukhuthazo lweendlela zokwenza izicelo zemali namanye amancedo, ulawulo lwemingcipheko yemozulu, ukanti nentsebenziswano kulawulo lwemijelo yamanzi esabelana ngayo namanye amazwe. Ngenxa yeenzame zoMzantsi Afrika zokuqinisekisa ukuba amanzi akho ngokwaneleyo esizweni, iVeki neNyanga yaManzi zixhibe ukunika inkxaso kule mbono ngokugxininisa oku kulandelayo:

- Kukhuthazwe amaziko ezamanzi, abalingani namaqela abandakanyekayo ukuba athabathe inxaxheba kwiinzame zokwaziswa ngokutsha kwexabiso lezamanzi esizweni;
- Kufakwe iikopi zemiyalezo yephulo i-WWD ka2022 namaxwebhu athetha ngezixhobo namacebo kwisikhundla sewebhu kaDWS khonukuze wonke ubani azifumanele olu lwazi;
- Kubhaliswe kwisikhundla sewebhu yeSebe izinto eziya kwenziwa kwiindawo zabahlali nemisitho eya kuqhutywa;
- Kuthathwe ze kwabelwane ngeefoto nezinye izinto zemidiya, ingakumbi ezabantu bokuhlala abazibandakanya neenkqubo zokonga amanzi;
- Kusetyenziswane noosomashishini ukuze bazise uluntu ngeemveliso abanazo ezixhibe ukukhuthaza usetyenziso lwamanzi ngendlela eyongayo.

